



INKQUBO YOVIWO: ISISTIM YOKHUSELEKO I-ELECTRONIC SECURITY SYSTEM



A. UKULUNGISELELA I-ELECTRONIC GLAM KEY)

Kufuneka ulungiselela i-electronic GLAM key yakho ubuncinane **kwiyure enesiqathanga** phambi kweseshoni nganye.

1. Cofa uvule i-electronic GLAM key ngokucinezela ubambe iqhosha lokuvula uvale kude kubonakale ilayithi kwiskrini sokubonisa yaye ilayithi eluhlaza okwengca ihlala izinzile.
2. I-blue bar (Data bar) iya kunqamleza iskrini sokubonisa yaye mayifundeke ngolu hlobo "DATA TRANSFER BUSY". Lindela i-electronic GLAM key ibe kwimo yokuba "READY" phambi kokwenza nayiphi imisebenzi.
3. **Kucelwa unike imizuzwana embalwa ukuze i-GPS ne-GSM zibe nokuqhagamshelana.** I-ayikhoni yesathalayithi iya kujika ibe tyheli.

B. UKUKHUPHELA (DOWNLOADING) IIISHEDYULI

NgoLwesibini/ngoLwesithathu ngamnye weveki ngeveki nganye ngethuba loviwo, kuya kuthunyelwa i-imeyili neSMS kwinqununu/kumphathi weziko nomyalelo wokukhuphela (download) isikolo esithile okanye iishedyuli/iiseshoni zeziko lokubhalela uviwo.

1. Qinisekisa ukuba i-electronic GLAM key ikwimo u-"READY".
2. **Cofa amaqhosha okutshixa nokuvula ngaxeshanye ukukhuphela iishedyuli/iiseshoni ezikhoyo. Lo gama i-"DATA TRANSFER BUSY" ibonakala, lindela umbala OLUHLAZA OKWENGCA, emva koko kulandele ii-BLUE transfer bars, ukunqamleza iskrini.**

Emva kokuba inkqubo yokukhuphela seyigqitywe ngempumelelo, inani leeshedyuli/leeseshoni ezikhoyo liya kuvela kwiqhaga elityheli kumphezulu weskrini sokubonisa. Ezi seshoni zinokungqinisiswa kwi-electronic GLAM key ngokucofa iqhosha lokuvula nokuvala kube kanye. Unokuskrola iiseshoni zonke ngokucofa iqhosha lokuvula nokuvala lonke ixesa.

3. I-electronic GLAM key ngoku ikulungele **ukusetyenziswa**.

C. INKQUBO YOKUVULA

Mayenziwe **kwiyure phambi** kweseshoni yoviwo nganye.

1. FAKA **NGOKUPHELELEYO** i-electronic GLAM key KWITYWINA ELIBOMVU. Qinisekisa ukuba uqhagamshelwano phakathi kwe-electronic GLAM key netywina elibomvu luhlala luzinzile.
2. Cofa iqhosha u-**UNLOCK UNGAWUSUSI** umnwe ide inkqubo ye-"Unlocking and transfer" igqitywe (lindela ibha eluhlaza okwengca emva koko kubonakale ibha eblowu enqamleza kwiskrini **ngokupheleleyo**).
3. **SUSA I-ELECTRONIC GLAM KEY WANDULE UKUVULA ITYWINA** (umxokelewano) nje ukuba ibe yimpumelelo inkqubo i-"AUTHORISED UNLOCKING" (**itywina alisayi kuvula lo gama** i-electronic **GLAM key isekwitywina elibomvu**).

D. INKQUBO YOKUTSHIXA

Mayenziwe **ingadlulanga iyure emva** kokugaqitywa kweseshoni yoviwo nganye.

1. Qinisekisa ukuba itywina livaliwe yaye lihleli kakuhle phezu kwekhonkco (hasp) lengxowa emnyama etshixekayo.
2. FAKA i-electronic GLAM key kwitywina elibomvu (qinisekisa ukuba uqhagamshelwano phakathi kwe-electronic GLAM key netywina elibomvu luzinzile).
3. Cofa iqhosha u-**LOCK** yaye **UNGAWUSUSI** umnwe ide inkqubo ye-"Locking and transfer" ide ibe kanti igqitywe (lindela ibha eluhlaza okwengca emva koko kunqamleze ibha eblowu kwiskrini **ngokupheleleyo**).
4. Yakuba nje igqitywe inkqubo yokutshixa, lindela ukuba i-"DATA TRANSFER" yenzeke igqitywe.
5. **QAPHELA:** Qinisekisa ukuba i-electronic GLAM key ihlala itshaijiwe nokuba ibhetri iseberiza ngokupheleleyo ngalo lonke ithuba loviwo.